URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Alison February
ICandelo eliyiNtloko loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi
Alison.February@westerncape.gov.za | 021 467 2683

Inombolo yefayili: 3/3/3/1/1/3
Isalathiso: 20221101-8296

ISetyhula: 0043/2022
Umhla wokuphelelwa: 30 Septemba 2023

Iya: KumaSekela Balawuli Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, nakwiiNqununu

Isishwankathelo esifutshane: *Iphulo l-Presidential Youth Employment Initiative (PYEI) – IPekhi yeZibonelelo (Resource Pack)*

ISihloko: I-*Presidential Youth Employment Initiative (PYEI)* ngaphakathi kwicandelo lemfundo esisiseko – ISigaba IV: IPekhi yeZibonelelo (*Resource Pack*)

1. URhulumente weNtshona Koloni uqaphele imisebenzi eyi-20 500 ukwenzela ukudalwa kwemisebenzi eya kufakwa kwizikolo zikarhululemente ngaphakathi kwi-*PYE* yeSigaba IV. eqala ngowe-01 kuFebruwari 2023 iphele ngowe-30 Septemba 2023.

2. Eli phulo liya kuzixhasa kakhulu izikolo ezithatha inxaxheba ekufundeni, kwisakhono sokufunda, kwi-*Information Technology*, kulondolozo lweziseko zophuhliso, kwinkxaso ngokwasengqondweni nokuphuculwa komgangatho wezemidlalo. Liya kuphinda lifake igalelo ngamandla eNtshona Koloni ngokomeleza iiprogram zengqesho zikarhulumente ezikhoyo namanyathelo enkxaso ukwandisa izindululo ezithembekileyo nezisekelwe kubungqina ukwenzela ukudalwa kwemisebenzi okungaphezulu kwiphondo.

3. Ukwenzela ukuba kuzaliswe izithuba zengqesho kwizikolo zikarhulumente, la maxwebhu aqhotyoshelweyo ukunika isikhokelo kwiSigaba IV abaluleke kakhulu. Ukulandela ngqo isikhokelo esiqulethwe kumaxwebhu kuya kuphucula ulawulo olungenamagingxi-gingxi lwamathuba engqesho amaninzi abancedisi nokunciphisa imiba yenkqubo yokuhlolwa kweencwadi *(auditing)* olunokwenzeka.

4. I-ofisi ye-*PYEI* kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni yenze ipekhi yezibonelelo *(resource pack)*, eneethemplethi zeeprojekthi namaxwebhu, ukuze zisetyenziswe zizikolo njengesikhokelo sokulawula iSigaba IV. Ezi themplethi namaxwebhu aya kunceda izikolo malunga nokusebenza ngempumelelo nokulungela ukuhlolwa kweencwadi.

5. Zonke izikolo ezithatha inxaxheba mazisebenzise la maxwebhu alandelayo kwiSigaba IV ukuqinisekisa ukuba iimfuno zeprojekthi ziyafezekiswa:

   5.1 Inkqubo-sikhokelo yokuphunyezwa – iSigaba IV;
   5.2 Isikhokelo sokugaywa kwabasebenzi;
   5.3 Isikhokelo kwiindima nemisebenzi eyimfanelo;
   5.4 Isikhokelo sodliwano-ndlebe sezikolo;
   5.5 Umgaqo-nkqubo wekhefu;
   5.6 Isikhokelo sokutshekishwa nokungqinisisa iinkcukacha nezimo kuthelekiswa neRejista kaZwelonke yaBaphuli-mthetho ngokweSondo; kunye
   5.7 Nemiqathango yokufakwa kwabancedisi.

6. Onke amaxwebhu eSigaba IV makazaliswe, asayinwe ngabasebenzi abaqeshiweyo aze afakwe efayilini ukulungiselela iinjongo zokuhlolwa kweencwadi (*auditing)*.

7. Isikolo ngasinye siya kunikwa iifayili ezimbini ezinamanqaku esikhokelo.

8. Sinqwenela ukubulela zonke izikolo ezithatha inxaxheba ngenkxaso yazo eqhubekayo kwinkqubo yokufumana amathuba ezengqesho angama-20 500.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-11-16